BU African Studies Center LANGUAGE PROGRAM, 232 BAY STATE ROAD, BOSTON, MA 02215 www.bu.edu/Africa/alp africa@bu.edu 617.353.3673

# Imisebenzi (Tasks)

**Umsebenzi 1**.

Le mibuzo ilandelayo isekelwe kwividiyo obusanda kuyibukela ethi: 'Igugu lingaba likhulu umbombo uyaqhosha'.

*Vala izikhewu ngokuthi ufakele amagama akwizibiyeli kwezi zivakalisi zilandelayo, uwaguqulele esiXhoseni. Bhala izivakalisi ezipheleleyo.*

1. Ndifuna ……(buy) imoto.
2. Hayi suka……. (you are dreaming)
3. Wena …….. (you don't have a cent)
4. Ubona ……(a beautiful car) igqitha.
5. Uthi umphathi: ……… (this business) liyavalwa.

**Umsebenzi 2**.

(a). *Kumaqela enu phindani nibukele ividiyo yeli qhalo. Emva koko elowo abhale isishwankathelo sesi siqendu sebali silandelayo. Sebenzisa amazwi akho*:

UMphathi: Ndizise iindaba zokuba eli shishini liyaphela. Liyaphela eli shishini! Ndixakene nento bantu beNkosi…

Bhonyongo: (*ehlekisa ngo-One Thousand*) Yhewa ! Uza kuthenga imoto! Imoto ! Imoto ! Iphi imoto ngoku? Ishishini liyaphela. Yhewa!!! Ndanditshilo!

(b). *Bonisa ukuba athetha ntoni la magama alandelayo ngokuthi uwasebenzise kwizivakalisi*:

(i) ukuxhoma

(ii) Yhe wha!

(iii) Bendinixelele!

(Qaphela: Onke la magama angasentla asetyenziswa ngabalinganiswa kwiintetho zabo kwicar wash. Uyacetyiswa ke ngoko ukuba uphinde ubukele ividiyo)

**Umsebenzi 3**.

*Kumaqela enu phendulani le mibuzo ilandelayo ebhekiselele kwividiyo*: 'Igugu lingaba likhulu umbombo uyaqhosha'. *Nceda uphendule ngezivakalisi ezizeleyo*.

1. Umlinganiswa ofuna ukuthenga imoto ukwazile ukuyithenga?
2. Kutheni? Xela izizathu ezibini zoko.
3. Omnye umlinganiswa, kuthiwa uyathanda ukuxhoma? Uthini xa exhoma?
4. Umlinganiswa ofuna imoto ufuna imoto enjani?
5. Umlinganiswa ofuna imoto kuthiwa uyaphupha. Kukuthini ukuphupha ngokubhekiselele apha ebalini?

**Umsebenzi 4**.

Kumaqela enu xoxani ngamaphupha enu nendlela enicinga ukuwafezekisa ngayo.

**Umsebenzi 5**.

1. Masithi nguwe lo uphelelwa ngumsebenzi. Ubuza kuthini? Ubuza kulahla ithemba? Xoxani kumaqela enu ngako konke ebeninokukwenza xa nizibona nikule meko (situation/predicament) yabasebenzi be-carwash.
2. Phindani nibukele ividiyo. Xoxani ngeemo zovakalelo (emotions) eziniziqaphelayo kwindlela abathetha ngayo abalinganiswa: izimbo (mannerisms), kwaneentshukumo (actions) zabo. Chongani nokuba ngabaphi na abalinganiswa enibathandayo.

**Umsebenzi 6**.

1. Kwividiyo, umphathi ubulisa abasebenzi bakhe kwishishini lecar wash. Uthini?
2. Ungumqeshi. Bulisa abasebenzi bakho ngesiXhosa. Babuze nempilo.
3. Guqulela esiNgesini: 'Benditshilo!'
4. Guqulela esiNgesini: Kufika umphathi/ umqeshi.
5. Xa ubukele le vidiyo yintoni edala/ebanga udano (disappointment) kubasebenzi? Caphula amazwi abonisa udano. Wafundeni eklasini amazwi abalinganiswa.

**Umsebenzi 7**.

1. Masithi ungumhlobo omkhulu womnye wabasebenzi be-carwash ozibone sele ephelelwa ngumsebenzi, kwaza kwatshabalala namaphupha akhe. Mbhalele i-imeyile umkhuthaze, umthuthuzele, umcebise kananjalo.

2. Phinda ke ngoku ubukele nezinye iividiyo zala maqhalo. Leliphi (which) iqhalo ocinga ukuba ungalisebenzisa ukuthuthuzela umntu okule meko?

**Umsebenzi 8**.

Phendula le mibuzo ilandelayo ebhekiselele kwividiyo yeli qhalo ngokuthi uvale izikhewu ezikwezi zivakalisi zilandelayo. Bhala izivakalisi ezipheleleyo:

1. Mnye umntu ohlamba imoto kwi-carwash. Hayi, ……………..

2. U-Andile ufuna ukuthenga imoto. Ewe………………..

3. Ishishini lokuvasa iimoto liyavalwa. Ewe…………

4. U-Andile ufuna imoto embi. Hayi…………

**Umsebenzi 9**.

Imfundiso yeli qhalo ngokwezakho izimvo ithini? Khetha kwezi zivakalisi zilandelayo. Ukanti ukwavumelekile ukuba uze nolwakho uluvo olwahlukileyo kwezi zivakalisi. Makubekho ingxoxo eklasini:

1. Kulungile na ukuzigwagwisa ngento nokuba awukaphumeleli? Cacisa.

2. Kulungile ukuthetha ngamaphupha akho kuye wonke ubani okanye kufuneka oko kube lihlebo, uxelele nje kuphela izihlobo zakho? Cacisa.

**Umsebenzi 10**.

*Yenzani uphando (research) malunga nenkolelo (belief) yamaXhosa ethetha into enye neli qhalo ngokuphathelele koku kulandelayo*:

1. Ukuthengela umntwana iimpahla engekazalwa (chaphazelani nezinto ezifana nee-baby

shower esezisenziwa kule mihla ngamaXhosa. Ingaba izinto sele zatshintsha kumaXhosa ngokuphathelele kulo mba? Kutheni? Xoxani banzi ngalo mba.

2. Thelekisa le nkolelo yamaXhosa ingentla (yokuhlola into embi xa ubani ethengela umntwana impahla usana lungekazalwa) neyenu inkcubeko. Ncokolani nangezinye iinkolo.